

Akukho Kugwetywa



SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela le Veki:

Roma 8:1–17.

Indima Yenkumbulo:

“Ngoko ke, ngoku akukho kugwetywa kwabakuKristu Yesu; abangahambiyi ngokwenyama, abahamba ngokoMoya” (Roma 8:1).

UmaRoma 8 yimpendulo kaPawulos kumaRoma 7. KumaRoma 7 uPawulos uthetha ngodano, ngokosileleyo, nokugwetywa. KumaRoma 8 ukugwetywa akusekho, kumi endaweni yako inkululeko noloyiso ngoYesu Kristu. UPawulos wayesithi kumaRoma 7, ukuba niyala ukwamkela uYesu Kristu, amava amabi amaRoma 7 aya kuba phezu kwenu. Niya kuba ngamakhoboka esonweni, ningakwazi ukwenza enifuna ukukwenza. KumaRoma 8, uthi, uKristu Yesu uninika ukuhlangukwa esonweni nenkululeko yokwenza okulungileyo enifuna ukukwenza kodwa inyama yenu ibe inganivumeli.

UPawulos uqhubeka echaza ukuba inkululeko yathengwa ngexabiso elingenamda. UKristu uNyana kaThixo wathabatha ubuntu. Yayikuphela kwendlela awayenokwalamana ngayo nathi, abe ngumzekelo wethu ogqibeleleyo, abe liBambela elafa endaweni yethu. Weza “efana nenyama elawulwa sisono” (Roma 8:3). Isiphumo soko, iimfuno zobulungisa bomthetho ziyakwazi ukuzalisekiswa kuthi (Roma 8:4). Ngamanye amazwi, uKristu wasoyisa isono—wafezekisa iimfuno ezilungileyo sako. Ukuthobela umthetho akukhange kube, kungasayi kuze kube, yindlela yosindiso. Yayisisigidimi sikaPawulos nesigidimi sikaLuther esi, kwaye kufuneka sibe sesethu nathi, ngokunjalo.

**Funda isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha kaDisemba 2.*

KuYesu Kristu

“Ngoko ke, ngoku akukho kugwetywa kwabakuKristu Yesu; abangahambiyo ngokwenyama, abahamba ngokoMoya” (Roma 8:1). Kuthetha ukuthini ukuthi “akukho kugwetywa”? Akukho kugwetywa entweni? Kutheni le nto oku kuziindaba ezilungileyo?

“KuKristu Yesu” yintethwana eqhelekileyo le kwimibhalo kaPawulos. Ukuze umntu abe “ku”Kristu kuthetha ukuba umamkele uKristu njengoMsindisi wakhe. Umntu uthembele kuYe ngokupheleleyo kwaye ugqibe ukuba ayenze indlela kaKristu ibe yindlela yakhe ngokwakhe. Isiphumo kukumanyana okwayamileyo noKristu. “KuKristu Yesu” kuthlekiswa no “enyameni.” Kukwathlekiswa namava andlalwe kwisahluko sesi-7, apho uPawulos achaza umntu obanjiweyo ngaphambi kokuzinikela kwakhe kuKristu njengowenyama, into ethetha ukuba ulikhoboka esonweni. Umntu uphantsi kwesigwebo sokufa (Roma 7:11, 13, 24). Ukhonza “umthetho wesono” (Roma 7:23, 25). Lo mntu ukwimeko embi kakhulu yobudwayi (Roma 7:24). Uthi emva koko umntu azinikele kuYesu, kubekho inguqulelo ekhawulezileyo eyenzeka ekumeni kwakhe noThixo. Uthi ebegwetyiwe ngaphambili njengowaphula umthetho, lo mntu ngoku ame egqibelele emehlweni kaThixo, eme engongathi akazange one, kuba ubulungisa bukaYesu Kristu bumgqume ngokupheleleyo loo mntu. Akusekho kugwetywa, kungengakuba umntu akanasiphako, akanasono, okanye ufanele ubomi obungunaphakade (akanjalo!) kodwa kuba ingxelo yobomi bukaYesu obugqibeleleyo imi endaweni yalo mntu; ngoko ke, akukho kugwetywa. Iindaba ezilungileyo, phofu, azipheleli apho.

Yintoni ekhulula umntu kubukhoboka besono? Roma 8:2.

“Umthetho woMoya wobomi” apha uthetha icebo likaKristu lokusindisa uluntu, xa kuthlekiswa “nomthetho wesono nokufa,” obuchazwe kwisahluko sesi-7 njengomthetho isono esasilawula ngawo—osiphelo sawo ikukufa. Umthetho kaKristu, endaweni yoko, uzisa ubomi nenkululeko.

“Wonke umphefumlo owalayo ukuzinikela kuThixo uphantsi kolawulo lwelinye igunya. Ungathetha inkululeko, kodwa ukobona bukhoboka buphantsi. . . . Nangona [umntu] ezikhohlisa ngelithi ulandela oko akuxelelwa yingqondo yakhe, uthobela intando yenkosi yobumnyama, aye weza uKristu ukuze awaqhawule amakhmandela obukhoboka besono emphefumlweni.”—Ellen G. White, *The Desire of Ages*, p. 466. Ingaba ulikhoboka, okanye ukhululekile kuKristu? Ungazi njani ngokuqinisekileyo?

Ukukhohlwa Komthetho

Nokuba sowulunge kangakanani, “umthetho” (owamadini, owokulungileyo, okanye yomibini) awunako ukusenzela oko sikudinga kakhulu, oko kukuthi ukusinika indlela yosindiso, indlela yokusindisa ekugwetyweni nasekufeni okuziswa sisono. Ukuze sikufumane oko, sidinga uYesu.

Funda Roma 8:3, 4. Yintoni awayenzayo uKristu le umthetho, ngendalo yawo, ungenako ukuyenza?

UThixo weza neyeza ekubeni “ethume owakhe uNyana, efana nenyama elawulwa sisono, . . . wasigweba isono esenyameni leyo.” Ukuthabatha ubuntu kukaKristu kwakulinyathelo elibalulekileyo kwiicebo losindiso. Kufanelekile ukuwuphakamisa uMnqamlezo, kodwa ekusebenzeni icebo losindiso, ubomi bukaKristu “[obabufana] nenyama elawulwa sisono,” nabo babubaluleke kakhulukazi. Njengesiphumo sento uThixo awayenzayo ngokuthumela uKristu, ngoku sinako ukufikelela kokufunekayo okulungileyo komthetho; ukuthi, ukwenza izinto ezilungileyo ezifunwa ngumthetho. “Phantsi komthetho” (Roma 6:14), oku kwakungenako ukwenzeka; “kuKristu” ngoku kunako ukwenzeka. Kanti ke, kufuneka sikhumbule ukuba, ukwenza into efunwa ngumthetho akuthethi ukuthi, kukugcina umthetho kakuhle kangangokuba kuzuzwe usindiso [olungumvuzo]. Loo nto asiyiyo enye enokukhethwa, ayizange yaba njalo. Ithetha nje kuphela, ukuphila ubomi uThixo enza ukuba sikwazi ukubuphila; ithetha ubomi bokuthobela, ekuthi kubo sibe “inyama bayibethelele emnqamlezweni, kunye neminqweno neenkanuko zayo” (Gal. 5:24), ubomi esibonakalalisa kubo isimilo sikaKristu. “[Uku]hamba” kumaRoma 8:4 yintetho esisaci ebonisa “ukuziphatha komntu.” Igama inyama apha libonisa umntu ongazelwanga ngokutsha, nokuba kungaphambi okanye ngasemva kokoyiseka [yinyaniso]. Ukuhamba ngokwenyama kukulawulwa yiminqweno yokuzithandela. Kwelinye icala, ukuhamba ngokoMoya kukuzalisekisa okulungileyo okufunwa ngumthetho. Kuphela ngoncedo lukaMoya Oyingwele esinokuthi sikufikelele oku kufunwayo. Kuphela kuKristu ekukho inkululeko yokwenza oko kufunwa ngumthetho. Ngaphandle kukaKristu, ayikho inkululeko enjalo. Lowo ulikhoboka lesono uzifumana engenako ukwenza okulungileyo akhetha ukukwenza (bona: Roma 7:15, 18).

Uwugcina kakuhle kangakanani umthetho? Xa uyibekele ecaleni yonke imbono engokuzusa usindiso ngokugcina umthetho, ingaba ubomi bakho bobo apho “ubulungisa ngomthetho” buzaliseka khona? Ukuba akunjalo, kutheni? Uzithethelela uthini ngezizathwana ezingacacanga zokuwangawangisa ngesimilo sako?

Inyama okanye UMoya

“Kuba abo bangokwenyama banyamekela izinto zasenyameni; abo ke bangokoMoya banyamekela izinto zaseMoyeni. Kuba ukunyameka kwenyama ikukufa; ukunyameka ke koMoya bubomi noxolo” (Roma 8:5, 6). Gxila kwezi ndima. Sithini isigidimi esisiseko esiphuma kuzo? Zithini kuwe ngendlela ophila ngayo ubomi bakho?

“U-After,” [ufumaneka esiNgesini apha esiXhoseni ukwela gama lithi ngokwenyama, nguye eso simaphambili singu ‘ngokwe’] apha, usetyenziswe ngengqondo yokuthi “ngokwe” (isiGrike kata). “Ukunyamekela” apha kuthetha ukumiliselela ingqondo [entweni]. Elinye iqela labantu limisela iingqondo zalo kwizinto zikaMoya, ukuba balandele ukuyalela kwaKhe. Ngenxa yokuba ingqondo igqiba ngesenzo, la maqela mabini aphila enze ngokwahlukeneyo.

Yintoni le ingqondo yenyama ingakwaziyo ukuyenza? Roma 8:7, 8.

Ukuba nengqondo emiliselwe ekufezekiseni iminqweno yenyama kukuthi, ngokwenene, ube kwimo yobutshaba noThixo. Lowo ongqondo yakhe imiliselwe njalo akakhathalele ukwenza intando kaThixo. Usenokuba ukuvukelo ngakuYe, ewuchasa ngokuphandle umthetho waKhe. UPawulos unqwenela ukucinezela ngokukodwa ukuba, xa ungekho kuKristu, akunako ukuwugcina umthetho kaThixo. Uphindaphinda futhi uPawulos ukubuyela kulo mxholo: nokuba ubani angazama kangakanani, ngaphandle kukaKristu lowo akasokuze awugcine umthetho kaThixo. Injongo ekhethekileyo kaPawulos yayikukoyisela amaYuda ekwazini ukuba ayedinga okwakungaphezu kwe“torah” (umthetho). Ngokuziphatha kwawo abonisa ukuba, sesikho isityhilelo esingcwele sezulu, ayenetyala lezono ezinye ezazinetyala lazo neeNtlanga (Roma 2). Isifundo sayo yonke le nto, yayisesokuba ayedinga uMesiya. Ngaphandle kweKhe, ayeza kuba ngamakhoboka esono, angakwaziyo ukusinda kulawulo lwaso. Le yayiyimpindulo kaPawulos kuloo maYuda ayengaqondi ukuba kwakutheni ukuba, oko uThixo wayewanike kona kwiTestamente eNdala kwakungasanelanga ukusindisa. UPawulos wavuma ukuba, oko ayekwenza kwakulunge konke, kodwa kunjalo, ayesakudinga ukumamkela uMesiya, nowayefikile ngoku.

Khangela kwiiyure zakho ezingama-24 ezidlulileyo. Ingaba izenzo zakho ibizezikaMoya okanye zizezenyama? Ikuxelela ntoni impindulo yakho ngawe? Ukuba ibizezenyama, zingqulelo zini omele ukuzenza, kwaye ungazenza njani?

UKristu Ngaphakathi Kwenu

UPawulos uqhubeka nomxholo wakhe, ethelekisa okubini okunokwenzeka xa abantu bejongene nendlela abaphila ngayo: mhlawumbi ngokukaMoya—ukuthi, uMoya Oyingcwele kaThixo, othenjiswe thina—okanye ngokwemveli yabo yesono nenyama. Enye ikhokelela ebomini obungunaphakade, enye ekufeni okungunaphakade. Akukho mhlaba uphakathi. Okanye njengokuba uYesu watsho: “‘Lowo ungekum uchasene nam, nalowo ungandibuthisiyo uyachithachitha’” (Mat. 12:30). Kunzima ukuyicacisa ngaphezulu, okanye ukuyenza ukuba icace ngaphezulu kunoko.

Funda Roma 8:9–14. Yintoni ethenjiswa abo bazinikela ngokupheleleyo kuKristu?

Ubomi “basenyameni” buthelekiswa nobomi “baseMoyeni.” Ubomi “baseMoyeni” bulawulwa nguMoya kaThixo, uMoya Oyingcwele. Kwesi sahluko ubizwa ngokuthi nguMoya kaKristu, mhlawumbi ngengqondo yokuba ungummeli kaKristu, kwaye ngaYe uKristu uhleli ngaphakathi kokholwayo (Roma 8:9, 10). Kwezi ndima, uPawulos ubuyela kumfanekiso abewusebenzise kumaRoma 6:1–11. Ngokomfuziselo, ekubhaptizweni, “umzimba wesono”—oko kukuthi, umzimba okhonze isono—uyatshatyalaliswa. “Umntu omdala . . . omdala wabethelelwa emnqamlezweni kunye naye” (Roma 6:6). Njengasekubhaptizweni, kodwa, akukho kuphela ukungcwatywa kodwa kukho novuko, ngoko ke umntu obhaptizweyo uvukela ekuhambeni ebutsheni bobomi. Oku kuthetha ukubulala umntu omdala, ukukhetha ekufuneka sikwenzile, ngokwethu, yonke imihla, umzuzu ngomzuzu. UThixo akayiphelisi inkululeko yomntu. Nasemva kokuba umntu omdala wesono etshabalele, umntu usenako ukona. KumaKolose uPawulos wabhala, “Bhubhisani ngoko amalungu enu asemhlabeni” (Kol. 3:5). Ngoko, emva kokuguquka lisaza kubakho idabi elichase isono. Umahluko ngulo wokuba, umntu ekuhleli kuye uMoya unamandla ezulu okoyisa. Ngapha koko, ngenxa yokuba ekhululwe ngendlela emangalisayo ebukhobokeni benkosi esisono, unyanzelekile ukuba angabuye asikhonze isono kwakhona.

Khawuhlale kule ngcamango yokuba uMoya kaThixo, owavusa uYesu kwabafileyo, ikwanguYe ohlala ngaphakathi kwethu xa simvumela. Cinga ngamandla akhoyo apho alindele thina! Yintoni esinqandayo ukuba singazenzi sifumaneke kuYe (uMoya) njengoko sifanele?

UMoya Wokwamkelwa

UPawulos uluchaza njani ulwalamano olutsha kuKristu? Roma 8:15. Themba lini elifunyanwa kwesi sithembiso kuthi? Sisenza njani ukuba sibe nokwenzeka ebomini bethu?

Ulwalamano olutsha luchazwa njengokukhululeka ekoyikeni. Ikhoboka lisembophelelweni. Liphila kwimeko yokuhlala lisoyika inkosi yalo. Akukho nto liza kuyizuza ngayo yonke iminyaka emininzi yokusebenza. Akunjalo kulowo wamkela uYesu Kristu. Kuqala, unikela inkonzo yokuzithandela. Okwesibini, usebenza engenaloyiko, kuba “uthando olugqibeleleyo luluphose phandle uloyiko” (1 Yohane 4:18). Okwesithathu, umntwana onguye ngokwamkelwa, uba yindlalifa ngokwexabiso elingenamda. “Umoya wobukhoboka ubakho ngokuzama ukuphila ngokwenkolo yomthetho, ngokuzama ukufezekisa amabango omthetho ngawethu amandla. Sinalo ithemba kuphela xa sisiza phantsi komnqophiso ka-Abraham, ongumnqophiso wobabalo ngokholo kuKristu Yesu.”—Ellen G. White Comments, *The SDA Bible Commentary*, vol. 6, p. 1077.

Yintoni esinika isiqinisekiso sokuba uThixo ngokwenene usamkele njengabantwana baKhe? Roma 8:16.

Ubungqina bangaphakathi bukaMoya buqinisekisa ukwamkelwa kwethu. Nangona kungakhuselekanga ukuziva nje kuphela, abo balandele ukukhanya kweLizwi kangangoko kufanelekile ekuqondeni kwabo, baya kuliva ilizwi eliqinisekiso ngaphakathi sibaqinisekisa ukuba bamkelwe njengabantwana bakaThixo. Ngokwenene, umaRoma 8:17 usixelela ukuba sizindlalifa; ukuthi, njengenxalenye yosapho lukaThixo, nanjengeendlalifa, njengabantwana sifumana ilifa elimangalisayo kuBawo wethu. Asilamkeli [njengomvuzo]; silinikwa ngokuhle kwemilo yethu entsha kuThixo, imilo esiyinikwa ngobabalo lwaKhe, olwenziwe lwanokufumaneka kuthi ngenxa yokufa kukaYesu endaweni yethu.

Usondele kangakanani eNkosini? Ingaba uyayazi ngenene, okanye wazi nje ngaYo? Zinguqulelo zini ekufuneka uzenzile ebomini bakho ukuze ube nehambo esondeleyo kuMdali noMhlanguli wakho? Yintoni ekuthintelayo, kuba kutheni?

Ingcamango Eyongeziweyo:

“Icebo losindiso aliwaniki amakholwa ubomi obungenazo iintlungu nezilingo kweli icala lobukumkani. Kwelinye icala, lifuna kubo ukuba balandele uKristu kwindlela enye neyokuzincama nokugxekwa. . . . Kungokulingwa nokutshutshiswa ekuthi isimilo sikaKristu sakhawe ukuze sityhilwe ebantwini baKhe. . . . Ngokwabelana ngeentlungu zikaKristu, sifundisa silulekwa senziwe silungele ukwabelana kubuqaqawuli bexesha elizayo.”—*The SDA Bible Commentary*, vol. 6, pp. 568, 569. “Umqokozo othotyweyo usuka etroneni kaThixo, mde ngokwaneleyo ukuba ufikelele kwezona nzulu zisezantsi. UKristu unako ukuphakamisa noyena ungumoni kumhadi wokuhlaziswa, nokubabeka apho baya kwamkelwa njengabantwana bakaThixo, iindlalifa noKristu kwilifa elingenakufa.”—Ellen G. White, *Testimonies for the Church*, vol. 7, p. 229. “Ozukiswayo lilo lonke izulu, weza kweli lizwe ukuba eme ekwimo yomntu ekhokele uluntu, engqina kwiingelosi eziwileyo nakubemi bamazwe angazange awe ukuba, ngoncedo lwezulu olunikelweyo, wonke umntu unako ukuhamba endleleni yokuthobela imiyalelo kaThixo. . . . “Intlawulelo yethu ihlawulwe nguMsindisi wethu. Akukho noyedwa ekufuneka akhotyokiswe nguSathana. UKristu uma phambi kwethu engumncedi wethu onamandla onke.”—Ellen G. White, *Selected Messages, book 1*, p. 309.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Fundani kwakhona izicatshulwa zikaEllen G. White zesifundo sangoLwesihlanu. Lithemba elinjani esinokuzifumanela lona kuzo ngokwethu? Okubaluleke ngaphezulu, singenza njani ukuba ezi zithembiso zizaliseke kobethu ubomi? Kutheni le nto, kuthi sele kukuninzi kangaka esikunikwayo kuKristu, sisoloko singafikeleli koko, ngokwenene, besinokufika kuko?
2. Zeziphi iindlela eziphathekayo onokuthi yonke imihla ube [noku]nyamekela izinto zaseMoyeni”? (Roma 8:5). Kuthetha ntoni oko? Ulangazelela ntoni uMoya? Yintoni oyibukelayo, oyifundayo, okanye ocinga ngayo ekwenza ukuba kube nzima ukuphumelela ebomini bakho?
3. Hlalani ngakumbi kwingcamango yokuba, mhlawumbi sikweli cala okanye kwelinye kwimbambano enkulu, ungekho wona umhlaba ophakathi. Ithetha ntoni loo nyaniso iqinileyo nebandayo? Ukuyiqonda le nyaniso ibalulekileyo, kunagalelo lini kwiindlela esiphila ngazo nokukhetha esikwenzayo, nakwizinto ‘ezincinane’?”

